URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo
NGOWAKHO

# Unyulo lwamabhunga olawulo ngo-2024

## Ivoti yakho ibalulekile, yisebenzise!

NgokoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika 84 ka-1996 (South African Schools Act 84 of 1996), amabhunga olawulo makanyulwe qho kwiminyaka emithathu. Injongo yebhunga lolawulo kukuqinisekisa ukuba ngabantu abanyulwe ngokufanelekileyo, abanobuchule nabazimiseleyo amabenze umsebenzi wokuphatha nolawulo kwinkqubo yethu yezikolo zikarhulumente. Unyulo luya kuqhubeka **ngoMatshi 2024**. Iinqununu ziya kubazisa abazali ngomhla wonyulo esikolweni.

### Amabhunga olawulo abalulekile ukulungiselela:

- ukuphucula umgangatho wemfundo esikolweni;
- ukunika bonke abachaphazelekayo ithuba lokudlala indima ekuphathweni nasekulawulweni kwesikolo, nokuqinisekisa ukuphendula ngokwenzileyo;
- ukuqinisekisa ukuba isikolo silungiselela abafundi, abazali nabahlali ngokubanzi ngeyona ndlela igqwesileyo; kunye
- nokuqinisekisa ulawulo olusemgangathweni.

### Amabhunga olawulo anikwe umsebenzi wokuthatha izigqibo ngemiba ebalulekileyo kuqukwa:

- ukuthatha izigqibo ngomgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi wesikolo;
- ukuthatha izigqibo ngomgaqo-nkqubo wolwimi wesikolo;
- ukumisela umgaqo-nkqubo ngezenkolo esikolweni;
- ukwamkela umgaqo wokuziphatha nomgaqo-siseko;
- ukumisela umgaqo-siseko wesikolo nenkcazo yenjongo ephambili (mission statement);
- ukulawula iimali zesikolo;
- ukuphatha nokulawula ipropati yesikolo nebhajethi;
- ukunika iingcebiso ngokuqeshwa kwabasebenzi; kunye
- nokunika inkxaso iinqununu nootitshala ekuqinisekiseni imfundo esemgangathweni.

Kubalulekile ukuba bonke abazali badlale indima kwisikolo sabantwana babo. Oku kuquka ukuthatha inxaxheba kunyulo lwamabhunga olawulo, ukuvuma unyulwe okanye ukunyula amalungu aya kuqinisekisa ulawulo olusemgangathweni, nokukhusela izibonelelo (resources) ezilungiselelwe ukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda. Kubalulekile ukukuthathela ingqalelo ukuba amalungu asebenza kwibhunga lolawulo akwenza oko ngokuzithandela.

## Kutheni kufuneka abazali babeyinxalenye yebhunga lolawulo?

Ngokuthatha inxaxheba kunyulo lwebhunga lolawulo njengomzali, unethuba elifanelekileyo lokukhuthaza izinto ezinokwenziwa namathuba amahle kubo bonke abafundi abakwisikolo somntwana wakho. Luxanduva lomzali ngamnye ukubonakalisa umdla nokuvakalisa uluvo malunga nolawulo lwesikolo somntwana wabo, ukuqinisekisa ukuba isikolo sibonelela ngemfundo esemgangathweni negqibeleleyo kubo bonke abafundi besikolo.

Amava abonakalise ukuba izikolo ezikwinqanaba eliphezulu labazali abazibandakanyayo, amaxesha amaninzi, zizikolo ezigqwesayo ngentsebenzo kwezemfundo nakwimiba yasekuhlaleni. Ngoko ke kubalulekile ukuba bonke abazali bazibandakanye kwinkqubo yokulawulwa kwesikolo somntwana wabo yaye ibhunga lolawulo yindlela efanelekileyo yokwenza oko.

Musani ukuchasela! Endaweni yoko, zibandakanyeni kwimfundo yabantwana benu yaye nenze umahluko esikolweni. Ngumsebenzi wenu njengabazali okanye njengabahlali, ukwenza nayiphi na inkonzo ngendlela efanelekileyo. Umvuzo wenu kukuphuculwa kwemfundo yabantwana bethu okungazi kubanika ingomso elingcono nje kuphela kodwa kufake negalelo ekomelezeni uMzantsi Afrika.

### Ngubani owongamela inkqubo yonyulo?

- Ligosa lonyulo lephondo – elenza umsebenzi wokuqinisekisa ukukhuthazwa konyulo nokuthotyelwa kwemigaqo yephondo kunyulo;
- Igosa lonyulo lesithili – liququzelela unyulo kwisithili; kunye
- Negosa lonyulo lesikolo –libhala isaziso nenkqubo yokuqhutywa konyulo yaye lilawula unyulo kwinqanaba lesikolo.

https://wcedonline.westerncape.gov.za

# Inkqubo yokuvota

## Ngubani ochaphazelekayo?

- **Amalungu angabazali:** Angabikho ngaphezulu kwamagama abantu ababini arekhodwe kwirejista yokwamkelwa kwabafundi njengabazali, ngomfundi ngamnye okanye abanako ukubonisa ubungqina obubhaliweyo bokuba bangabazali babafundi ababhaliswe esikolweni;
- **Amalungu angootitshala:** Bonke ootitshala abaqeshwe esikolweni; kunye
- **Namalungu angabasebenzi abangengabo ootitshala:** Bonke abasebenzi abangengabo ootitshala esikolweni.


## 1 Umqulu wabavoti



Umqulu wabavoti wecandelo ngalinye lamalungu anyulelwe ukuba asebenze kwibhunga lolawulo mawenziwe ufumaneke yaye mawuquke amagama afanelekileyo abazali, ootitshala, amalungu angabasebenzi nangabafundi. Umqulu wabavoti uya kuvalwa kwiintsuku ezingama-23 phambi komhla wokuvota.

## 2 Isaziso sonyulo

Igosa lonyulo lesikolo malenze isaziso apho kuchazwe umhla, ixesha nendawo yonyulo nokunyulwa kwamalungu angabazali ebhunga lolawulo. Isaziso masikhutshwe kwiintsuku ezingama-21 ubuncinane phambi kwentlanganiso yokuqinisekiswa kwabatyunjwa.




## 3 Inkqubo yokutyumba



Umzali angatyunjwa esikolweni kuphela njengomzali ongumgqatswa ngomnye umzali olilungu lesikolo somntwana (sabantwana) wabo.

## 4 Ukuvota





Umntu onelungelo lokuvota makavote kwiphepha lokuvota (ballot paper) ekhusini aze afake iphepha lokuvota elisongiweyo kwibhokisi okanye kwenye ikhonteyina evalwe ngokutywiniweyo ebonelelweyo ukwenzela le njongo. Kwiimeko apho kuvotwa kusetyenziswa ikhompyutha (e-voting platform), zonke iivoti ziya kuhlala ziyimfihlo.

## 5 Emva konyulo

Igosa lonyulo lesikolo malazise ilungu ngalinye elinyuliweyo ngencwadi ebhaliweyo ngokunyulwa kwalo kwibhunga lolawulo.



## 6 Unyulo lwamagosa asezikhundleni



Inqununu mayibize intlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo. Kwintlanganiso yebhunga lolawulo yokuqala, amalungu makanyule amalungu asezikhundleni (office bearers) kuqukwa nosihlalo, unondyebo nonobhala.